# ukuThobeka

> "Izicaka zalowo unoBubele obuKhulu (uThixo) ngabo bahamba emhlabeni bethobekile, yaye abo bangaziyo xa bethetha nazo, bathi: 'uXolo.'"
> iKhorani 25:63

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) uqhele ukunqanda abantu bangaphakami xa bembona ngoba bemhlonipha. Uqhele ukuhlala naphi na apho kunendawo ekhoyo yokuhlala entlanganisweni yaye engazange afune indawo ebalulekileyo okanye ekumgangatho ophezulu. Akazange anxibe nayiphi na impahla eyakumenza akhetheke / agqame phakathi kwabahlobo bakhe okanye abonakale njengomntu okwinqanaba eliphezulu kubo. Ubeqhele ukuzidibanisa kunye nabo bahluphekileyo nabasweleyo; ebehlala nabadala exhasa nabahlolokazi. Abantu abangamaziyo bebengekhe bamohlule kumndilili ahleli nawo.

Xa wayethetha nabahlobo bakhe,wathi: ***"U Allah undityhilele mna, ukuba kufuneka uthobeke. Akukho namnye oyakuzigwagwisa omnye komnye, yaye akukho namnye oya kucinezela omnye."***

Kangangokuthobeka kwakhe wayesoyika ukukhonzwa, kulilungelo elifanele uThixo yedwa:

***"Sukugqitha imida ekundidumiseni njengoko besenza amaKristu xa bedumisa uYesu, uNyana ka Mariya. Ndim ndedwa isicaka seNkosi; ke ndibize iSicaka sikaAllah noMthunywa Wakhe."***

# uMyeni oGqibeleleyo

> "Yaye bahlale nabo (abafazi/abayeni babo) ngobulungisa nobuntu."
> iKhorani 4:19

Unkosikazi othandekayo kaMprofethi, u Aa'isha, wathi ngomyeni wakhe othembekileyo: ***"Usoloko enceda ngomsebenzi wasekhaya yaye ngamanye amaxesha uthunga impahla yakhe ekrazukileyo, ulungisa izihlangu zakhe atshayele nomgangatho. Uyasenga, akhusele yaye atyise izilwanyana enze nemisebenzi yekhaya."***

Ngaphandle kokuba ngumyeni ozibopheleleyo, wayekhuthaza abahlobo bakhe ukuba balandele umzekelo wakhe: ***"Abona bakhonzi bagqibeleleyo kukholo ngabona banyanisekileyo nabahloniphekileyo. Nabo babalaseleyo phakathi kwabanye ngabo bangcono kumakhosikazi abo."***

# uMzekelo oGqibeleleyo

> "Ngokuqinisekileyo wena (O Muhammad) ukubume benqanaba lokudunyiswa."
> iKhorani 68:4

Okungaphambili ngumfanekiso nje obonisa indlela ebephila ngayo uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe). Imizekelo yobuntu nenceba ekhankanyiweyo ingavela njengomnqa kubantu abathile kusenziwa ngumfanekiso wobuSilamsi onikwa ngamajelo eendaba nokungachazwa ngokunyanisekileyo ngabo.

Kubalulekile xa uzama ukuqonda ngobuSilamsi ukuba umntu aye ngqo kwimithombo yawo: I Khorani, neenkcazelo nezenzo zoMprofethi uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe), nokuba wonke ubani angagwebi inkolo yobuSilamsi ngokusekele kwizenzo ezimbi zamaSilamsi ambalwa.

# izimvo ezivela kwabo bangengawo Masilamsi

U Mahatma K Gandhi, omkhulu kwezopolitiko noyinkokheli engcwele weqela le Indian independence, wathi: ***"Bekungekho lula, ukuchaza ubuntloni nentobeko yakhe uMprofethi, nangoluvo lwakhe olugqibeleleyo lwezithembiso zakhe, ubukhulu bokuzinikela kwakhe kwizihlobo zakhe nakubalandeli bakhe, ubugorha bakhe, ukukhalipha kwakhe, ukumthemba ngokugqibeleleyo uThixo nangokomsebenzi wakhe. Oku yaye ingelokrele elithwele yonke into phambi kwabo yaye yoyise konke okungumqobo."***

UGeorge Bernard Shaw, ongumbhali wezeqonga waseBrhitane, watsho esidlangalaleni: ***"Umhlaba ufuna ngokungxamisekileyo indoda enengqondo efana nekaMuhammad; abantu abangcwele kumaXesha aPhakathi akudala, ngenxa yokungazi nokucinezelwa kwabo, babemfanisa nomntu olutshaba lobuKrestu. Kodwa emva kokujongisisa ibali lale ndoda ndamfumanisa engumntu ongummangaliso, yaye ndafikelela kwisigqibo sokuba azange abelutshaba lobuKrestu, yaye kufanelwe abizwe njengomsindisi woluntu. Ngokoluvo lwam, ukuba wayenokunikwa ulawulo lomhlaba wonke namhlanje, ebeyakusombulula iingxaki zethu yaye azise uxolo nolonwabo olona lufunwa /lunqwenelwa lihlabathi."***


**Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe kunye nezinye iiphamflethi kolu Luhlu**

**p** (+27) 21 696 8375/6 **w** discoverislam.co.za **e** info@discoverislam.co.za


**Donation Details**

**Bank Name** Standard Bank
**BSB** Kromboom / 026209
**Account** Discover Islam Centre
**Account No.** 072873647



# UMprofethi uMuhammad

(uxolo malube phezu kwakhe)

## Kufuneka uyazi le ndoda!

funda **ngokusisiseko**

discoverislam.co.za

# ngubani (uxolo malube phezu kwakhe) uMuhammad?

"Ngokwenene kuMthunywa ka Allah unomzekelo omhle kakhulu onokuwulandela nokuba ngubani na othembele ku Allah noSuku lokuGqibela nokhumbula kakhulu uAllah." iKhorani 33:21

AMasilamsi akholelwa ukuba uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe) nguMprofethi wokugqibela kuluhlu olude lwabaProfethi abathunywe ukuba babizele abantu kuthotyelo nokukhonza uThixo yedwa ('uAllah' ngesiArabhu). Abanye baba baProfethi baquka uAdam, uNoah, uAbraham, u Ishmael, u Isaac, uYakobi, uJosefu, uMosisi, uDavide, uSolomon kunye noYesu (uxolo malube phezu kwabo bonke).

Njengoko uMosisi (uxolo malube phezu kwakhe) wayethunywe neTora (isityhilelo esitsha esingenalurhwaphilizo sathunyelwa kuMosisi) noYesu (uxolo malube phezu kwakhe) neVangeli (isityhilelo esitsha esingatshintshwanga – ingezizo iinkcazelo zale mihla), aMasilamsi akholelwa ukuba uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe) wayethunywe neKhorani ukuzokubonisa ukuba iimfundiso zayo kufuneka zisetyenziswe.

Umfazi woMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe), u 'A'isha, wacelwa ukuba akcaze ngoMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe), waze waphendula wathi ***'ebeyiKhorani ehambayo'***, oku kuthetha ukuba ebelichule ekuqulunqeni iimfundiso ezilungileyo zeKhorani kwimpilo yakhe yemihla ngemihla.

## uMsebenzi weNceba

"Yaye Thina (Thixo) asikuthumanga wena (Muhammad) ngaphandle kokuba ube yinceba eluntwini."" iKhorani 21:107

Nasekuyaleleni abantu bathandaze, bazile yaye banikele ngeminikelo, uMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wafundisa ukuba inkolo yomntu kuThixo kufuneka ifane nendlela abaphatha ngayo abanye abantu. Wathi: ***"Ubungcono obubo wena bubungcono besimo onaso."***

UMthunywa wokugqibela (uxolo malube phezu kwakhe) ufundise uluntu ukuba babonise inceba yaye bahloniphane: ***"Lowo ungabonisi inceba kwabanye, akanakuboniswa nceba naye."***

Kwenye inkcazelo, abantu abathile bacele uMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) ukuba enze isibheno kuThixo ukuba ohlwaye abo bangakholwayo kodwa waphendula: "***Andithunywanga ukuba ndizokuba yingxaki ebantwini koko ndizokuba yinceba."***

## uXolelo

"Mabaxolele yaye balibale: awunqweneli na ukuba uAllah angakuxolela nawe? Ngokuba uAllah is uXolela Njalo, uneNceba eNkulu." iKhorani 24:22

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wayengoyena uxolela bonke abantu yaye enenceba. Ukuba kunomntu omhlukumezayo, uyakumxolela, nokuba undlongondlongo kangakanani umntu, kungona yena eyakuba nomonde. Wayenovelwano kakhulu yaye exolela, ingakumbi xa inguye obengumlawuli onamandla wokuziphindezela.

Wayengumzekelo omhle woxolelaniso nobuntu, nanjengokuba kukhankanyiwe kwivesi elandelayo yeKhorani: ***"Hlala ngoxolelwaniso (O Muhammad), yaye uchaze ngobuntu, yaye hlukana nokungazi."*** iKhorani 7:199

## okulinganayo

"Ngokwenene nina bahloniphekileyo emehlweni ka Allah ningabona balungileyo." iKhorani 49:13

Kwiinkcazelo ezilandelayo zikaMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe), ufundisa ukuba lonke uluntu luyalingana emehlweni kaThixo,

***"Lonke uluntu lusuka kuAdam yaye uAdam usuka emhlabeni/eludakeni. Akukho bukhulu kumArabhu ngaphezu komntu ongengomArabhu, bungekho kumntu omnyama ngaphezu komhlophe; ngaphandle kobungcwele."***

"***UThixo akagwebi ngokomfaneleko nobutyebi bakho, kodwa Ujonga kwiintliziyo zenu yaye ajonge izenzo zenu."***

Kucacile ukuba xa iqabane loMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) libiza elinye iqabane ngendlela ekhubekisayo, ***"Nyana womfaz' omnyama!"*** UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe), ubanomsindo yaye aphendule, ***"Uyamgxeka ngenxa yobumnyama bukanina? Usenazo iimpawu kuwe zokungakhathali nokungabi nalwazi kusukela kwixesha lamandulo leSilamsi."***

## uNyamezelo

***"Ungenzi okubi kwabo benza okubi kuwe, kodwa benzele uxolo nobubele."*** Oku yindlela yoMthunywa wokugqibela kaThixo (uxolo malube phezu kwakhe) wenza ngayo kuhlaselo nohlukumezo lomntu.

"Izenzo ezilungileyo nezenzo ezimbi azilingani. Gxotha okubi ngokuhle, ukuze lowo nithiyeneyo naye uyakuba sisihlobo sakho esithembekileyo." iKhorani 41:34

Umthombo wobuSilamsi uquka inani leziganeko apho uMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) ebenethuba lokuziphindezela kwabo benze okungalunganga kuye, kodwa akenza njalo.

Ufundise umntu abe nenyameko nonyamezelo kwimeko ezinzima: ***"Owomeleleyo asinguye owoyisa abantu ngamandla akhe, kodwa onamandla ngoyena okwaziyo ukuzilawula nokuzithoba xa enomsindo."***

Ukuziqhelisa inyameko nonyamezelo akuthethi into yokuba uMsilamsi kufuneka anikezele nje angazikhuseli xa ehlaselwa. UMprofethi uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe) wathi: "Sukunqwenela ukudibana notshaba, kodwa xa udibana (ujongene) notshaba, yiba nenyameko (umz. yima ungagungqi xa ujongene notshaba)."

## ukulunga

"Ngokwenceba kaAllah, uthobekile ebantwini; ukuba ube ndlongondlongo yaye unentliziyo eqinileyo, bebeya kuthi saa bakushiye." iKhorani 3:159

Umhlobo kaMuhammad owayemsebenzela (uxolo malube phezu kwakhe) iminyaka elishumi wathi uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe) wayesoloko ethobekile xa babesebenza kunye. ***"Xa bendisenza into, akazange andibuze ukuba kutheni ndiyenza ngolo hlobo; yaye xa ndingenzanga nto, akazange abuze isizathu sokungakwazi ukuyenza lo nto. Yayingoyena ndoda inobubele ngaphezu kwabo onke."***

Ngomnye umhla, unkosikazi kaMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wacaphuka emva kokuthukwa kwakhe ngumntu.

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wamcebisa ukuba: "***Abe nobunono yaye azole, O 'Aisha, nanjengoko uAllah ethanda ubunono kuyo yonke imicimbi."***

Waye wathi: ***"Bonisa ubunono! Ukuba ubunono buyafumaneka entweni, buyenza lonto ibe ntle yaye xa buthathwe entweni buyenza ibe mbi."***